URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Grant Abrahams**
ICandelo loLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule
Grant.Abrahams@westerncape.gov.za | 021 467 2574

Inombolo yefayili.: 3/3/3/1/1
Isalathiso: 20230821-7319

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule: 0014/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli beZithili, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwaMaziko, kwiiNqununu kwiiKomiti zoLawulo zeZikolo

**Isihloko: Ukomeleza ukuphunyezwa kweNkqubo yoLawulo loMgangatho ukubeka esweni iziseko zophuhliso zezikolo**

1. IYunithi eyi-*Technical Support Unit* kwiSebe leMfundo esiSiseko (DBE) inike ingxelo ngemeko embi yeziseko zophuhliso kwezinye izikolo ezityelelwe nguMphathiswa.

2. Luxanduva lwabahlali besikolo, phakathi kwezinye izinto, ukugcina nokulondoloza iziseko zophuhliso zezikolo. Ulawulo lwesikolo ngokukodwa, ngumsebenzi oluxanduva lwenqununu neKomiti yoLawulo yeSikolo (SMT), ngokwemigqaliselo yeSigqibo soThetha-thethwano neMibutho yaBasebenzi enguNombolo 2 sika-2020, somhla we-17 Septemba 2020.

3. Iinqununu (isithuba senqanaba 4) namasekela-nqununu (isithuba senqanaba 3) bavavanywa ngokwemigangatho esixhenxe yentsebenzo. Omnye wayo uqwalasela ulawulo lweziseko zophuhliso ngolu hlobo lulandelayo:

   *"UMgangatho weNtsebenzo wesi-5: Ukulawula isikolo njengeziko:*
   *Ikhrayitheriya 3: ULawulo lweziseko zophuhliso –*
   a. *Ukusetyenziswa kwezibonelelo ezikhoyo kunye neziseko zophuhliso ngokugqibeleleyo;*
   b. *Ukubeka esweni ukusetyenziswa nokugcinwa ngokukhuselekileyo kwazo zonke ii-asethi ezishenxisekayo nezingashenxisekiyo esikolweni;*
   c. *Ukwenza uhlolo lwarhoqo lweziseko zophuhliso; kunye*
   d. *Nokulondolozwa nokugcinwa ngokufanelekileyo kweziseko zophuhliso, izindlu zangasese kunye namabala."*

4. Kucetyiswa ukuba iinkcazo (*descriptors)* ezifanelekileyo ezingolawulo lweziseko zophuhliso, njengoko zisebenza kwimeko yesikolo, zibandakanywe kwisicwangciso somsebenzi senqununu nesesekela-nqununu esiya kuyilwa ngoNovemba 2023 size sigqitywe ngoFebruwari 2024.

5. Abaphathi beesekethe, iinqununu namasekela-nqununu banoxanduva lokuphendula ngolawulo lweziseko zophuhliso zezikolo.

6. Ileta evela kwiSebe i-*DBE,* yomhla we-19 Juni 2023, emalunga noku iqhotyoshelwe apha ukulungiselela wena.

7. Kucelwa wazise okubhalwe kule ngcaciso imfutshane bonke abalawuli bezithili zemfundo, abaphathi beesekethe, iinqununu nee-*SMTs* ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-LJ ELY
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEENKONZO ZEZIKO**
**UMHLA:** 2023-11-06